



# Uhambo Lwesikolo sase Machamtsholo

IsiXhosa

Notozi Mgobozi



# Uhambo Lwesikolo sase Machamtsholo

Ibhalwe ngu Notozi Mgobozi  
Izotywe ngu Dale Blankenaar



## IINGCEBISO ZOKUSETYENZISWA KWALA MABALI NGOOTITSHALA NABAZALI

1. Eli bali lilungele abafundi abaneminyaka esi-7 ukuya kweli-9.
2. Eli bali linamagama angama **551**. Khetha amagama athile wenze amakhadi okufunda ngokusebenzisa iibhokisi ezindala okanye iphepha eliqinileyo
3. Abafundi mabafunde amagama abhalwe kula makhadi bekhwaza.
4. Sebenzisa isibonisi xesha, umakhala ekhukhwini wakho okanye iwotshi ukhangela ixesha alithathileyo umntwana efunda igama ngomzuzu. Bhala encwadini ukhangela ukuba inani lamagama afundwa ngomzuzu ukuba ayanda na iveki zilandelelana.
5. Cela abantwana ukuba bakufundele isiqwenga esinye wandule ukubabuza ukuba ibali eli lingantoni.
6. Sebenzisa umongo webali ukubuza imibuzo ngento eyenzeka ebalini.

Abantwana besikolo iMachamtsholo kwenye yelali zase Mthatha baza kukhenketha. Phambi kokuba zivalwe izikolo bayalelwa ukuba baqokelele imali yokhenketho. Olu khenketho lwalusiya eKapa. Kwabalusizi ke xa utitshala oyintloko evakalisa ukuba kuhamba abantwana bebanga lesithathu kuphela.






Badana baqumba ke abanye abantwana  
bekhalaza kuba kusithiwa basebancinci bona,  
kwathiwa mabalinde unyaka ozayo.  
Zavalwa izikolo kuyimincili kubantwana  
bebanga lesithathu. Zavulwa izikolo emva  
kwekhefu, yaye ivuthwa imbiza yohambo  
bengasakwazi nokufunda abanye yimincili.



Yangulowo echaza izinto ezintsha azithengelweyo nomphako aza kuwenzelwa. Utitshala akazange abaxelele ukuba baza kuhamba ngenqwelomoya yaye baza kukhwelela eMonti, kuba bancinci baza kudinwa yibhasi. Le yayiyindlela yokunciphisa iindleko zokwenziwa kwemiphako.



NgoMvulo baxelelwa ukuba bangazihluphi ngokwenza umphako. Lwafika usuku lohambo. Bazala yimincili xa bebona iiteksi ezimbini zizobathatha esikolweni kwakusasa. Babekhatshwe ngabazali abembethe iingubo kuba kwakusabanda ekuseni.







Abanye kubo babesindwa ziingubo noxa abazali bona babesazi ukuba azifuneki ngaphandle kwebhegiyeempahla. Bahamba bayokufika eMonti.

Bothuka xa bebona ukuba baza kuhamba ngenqwelomoya. Kwangoko abanye baqalisa ukukhala kukoyika.





Ootitshala babo baxakana nabantwana bekhala.

Kwangoko utitshala omkhulu wabagrogrisa ngokuthi abakhalayo baza kubanjwa xa bengxola.

Zaphela kwangoko iinyembezi.

Bangena ngaphakathi kwesikhululo seenqwelomoya belaqaza, abanye behleka zizinto abazibonayo abangaziqhelanga novuyo.






Yafika inqwelomoya sele beme emgcezi  
belinde ukuba kuthiwe mabakhwele.  
Bahlaliswa ezitulweni zabo baqhotyotshwa  
ngamabhanti okuzikhusela, bengonwabanga  
nayilonto abanye.

Ithe yakusuka inqwelomoya wema  
ngaphambili umququzeleli wenza izibhengezo  
ezenziwayo amaxesha onke kwiinqwelomoya.

Kwangoko waphakama uLudwe ephethe ikhamera yakhe ezakufota. Wangxoliswa kwathiwa makahlale phantsi abophe ibhanti, alikafiki ixesha lokufota. Yathi yakunduluka isenyuka zavakala izikhalo kwakhona. Abasebenzi nabanye abakhweli babe zizi nxadanxada bethulisa, besosula iinyembezi kwabo balilayo.



Ohleli ngasefestileni wakhwaza esithi, “Yhoo!  
“Sihamba phezu kolwandle sizakutshona.”  
Kwathuleka kwathi cwaka ingulowo ekrobe  
efetileni. Kanti apha phakathi kwabo  
uLuyanda ugushe umphako. Wakhwaza esithi  
“masilyeni kaloku ngoku ndilambile mna”.





Wanqandwa kusithiwa “akutyiwa miphako apha”. Baphiwa bonke ukutya, kwaqala kwamnandi ngoku wonke umntu ehlafuna onwabile. Akazange adane phofu uLudwe, ngomphako wakhe, wazixelela ukuba uza kuwutya eKapa.



Yafika inqwelomoya eKapa, bema ngeenyawo bekroba ngeefestile bezele yimincili. Behla bahamba ngezitepusi ezihambayo ukuyakuthatha iimpahla zabo nalapho besoyika, kodwa babebanjiwe ngabanye abakhweli ukuba bangonzakali. Baphuma ngaphandle, bafika belindwe yibhasi.




Naleyo yabothusa besilwa ngendawo yokuhlala yimincili. Yayingulowo efuna ukuhlala ngasefestileni azokubona iKapa kakuhle. Hayi ke ukothuka xa bengena ehotele enkulu eSea Point, ijonge ulwandle. Babesele bekhulula abanye befuna ukuya kuqubha. Kwangoko wakhwaza uLudwe esithi "ningangxamingoba lulwandle olu!"





“Banqande titshalakazi” watsho uSonwabile,  
“ayingomlambo lo nakutshona.”

Bathathwa basiwa kumagumbi abo okulala,  
belala ngababini egumbini. Nalapho bafika  
bekhuza ubuhle beebhedi nezimuncumuncu  
ababezibekelwe. Bazakulandwa ukuba  
bayokutya isidlo sangokuhlwa.



Yaba ngumbhodamo ukuleqa iindawo zokuhlala etafileni. Bafika baxakwa kukuba baza kutya ntoni, kuba yonke into eyayilapho yayinqaqhelekanga. Kwafuneka abasebenzi base hotele babancedise ukuphaka ukutya ngokokucela kwabo. Emva kokuba betyelele zonke iindawo ebezicwangcisiwe, baye balungiselela ukugoduka.





Yafika ibhasi ngexesha elalibekiwe yabathatha yabasa kwisikhululoseenqwelomoya.

Bakhwela bagoduka nokoyika sele kudambile ngoku. Yafika eMonti behla bayokukhwela iiteksi ezazibalindile, benjenjeya ukugoduka bezele yimincili, bengxamele ukuya kubalisa emakhaya.

Wathiywa igama ke uLuyanda kwathiwa nguMphako. Kwaba mnandi esikolweni wonke umntu engxamele ukukhenketha kwixesha elizayo.





# **IMIBULELO KWABA**

**Ibhalwe ngu**  
Notozi Mgobozi

**Izotywe ngu**  
Dale Blankenaar

**Umhleli 1**  
Ntombi Kayise Njadayi

**Umhleli 2**  
Nelisa Mviko

**Umhleli 3**  
Nopasika Xapa

**Umhleli**  
PixelPing Design



ISBN 978-1-920702-23-6



basic education

Department:  
Basic Education  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

